
# VAKALISA ULUVO LWAKHO!

# ISIPHAKAMISO SOKUGUQULWA KWENDLELA EYEA KWICALA ELINYE YEKENMAR CRESCENT, ECLAREMONT

ICandelo loZinzo loThutho eDolophini leSixeko saseKapa limema abahlali, abazali, kunye nabasebenzisi bendlela ukuba bavakalise uluvo malunga nesiphakamiso esingokwazisa ngokusisigxina inkqubo yendlela eya kwicala elinye kwiKenmar Crescent eClaremont. Esi siphakamiso senzelwa ukuphucula ukuhamba kwezithuthi, ukuphucula ezokhuseleko ezindleleni, kunye nokwenza imeko yendlela elawulekayo ngakumbi, engqonge iHerschel Girls Preparatory School. Ummandla onabasebenzisi bendlela abaninzi abasesichengeni ngezithuba zikaxakeka zokothula nangezithuba zokulayisha abantwana. Ngokuthatha inxaxheba kule nkqubo, ukuqonda kwakho nokunika inkcazelo ngoku, kunganceda ukubumbeni ingingqi ekhuselekileyo, esebenzayo ngakumbi kuye wonke umntu. Nceda ujonge kwimephu yommandla ukuze uqaphele isiphakamiso sokuguqulwa kwendlela eya kwicala elinye.




**Isiphakamiso siquka:**
- Inkqubo yendlela eya kwicala elinye ngokusisigxina eKenmar Crescent ukususela eHerschel Road ukuya eHighwick Avenue.
- Iindawo zokupaka ecaleni kweKenmar Crescent kwindlela esecaleni kwesikolo.

Amaqela anomdla nachaphazelekayo angahlola okanye adowunlowude ingxelo engezobuchwepheshe nesiphakamiso soyilo kwa www.capetown.gov.za/haveyoursay okanye kwi www.capetown.gov.za/collaborate.

Ngokwecandelo17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso ngokujoliswe kwesi siphakamiso ukususela ngowe3 kweThupha (Agasti) ukuya ngowe4 kweyoMsintsi (Septemba) 2026.

**Izimvo, izilungiso nezindululo zingangeniswa, ngokuthi usebenzise:**
**I-imeyile:** Urbanmobility.CT@capetown.gov.za
(Ucaphule isalathiso esingu: 110262703)
**Kwikhonkco lothungelwano lwale mihla:** www.capetown.gov.za/haveyoursay nakwi www.capetown.gov.za/collaborate okanye uskene iQR khowudi
**Izimvo ezibhaliweyo:** kwiYunithi engeNtathonxaxheba yoLuntu, kumgangatho we3 kwiPodium Block, kwiZiko loLawulo leeNkonzo zoLuntu laseKapa, 12 Hertzog Boulevard, Cape Town 8001
**IBhungana 20:** Alphen Centre, Constantia Main Road, Constantia
**IThala leeNcwadi:** kwiThala leeNcwadi loLuntu laseClaremont, Library Square, Wilderness Road, eClaremont
**Usuku olungengcaciso:** Zimasa usuku olungengcaciso kuluntu ngowe13 kweyeThupha (Agasti) 2026 ukususela nge12:00 -15:00 eHerschel Girls Preparatory School, Kenmar Crescent, eClaremont.

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneke izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kumasipala. Qhagamshelana no Anthea Bendie kwiYunithi engeNtathonxaxheba yoLuntu kwa 021 400 1450 okanye uimeyilele kwa Anthea.Bendie@capetown.gov.za ukuba unayo nayiphina imibuzo ngokumalunga nendlela engokungenisa izimvo zakho.

**Qhagamshelana noTim de Villiers kwa Timothy.DeVilliers@capetown.gov.za malunga nesiphakamiso esingemibuzo engezobuchwepheshe**

**(Nceda uqaphele: Izicelo zamanyathelo amatsha okuthomalalisa ugxalathelwano lwezithuthi mazingeniswe kwii-ofisi zeBhungana elichaphazelekayo)**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**CITY MANAGER**
CTA161/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.